CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Inombolo	Isolotya	Isizathu sesilungiso	Isilungiso esiphakanyiswayo
1	Isolotya elitsha	Ababonelelizinkonzo abangahlawuli abasebenzi babo kunye nabo bathe babanika inxalenye yomsebenzi. izikhalazo ezivela kwiinkampani ezithe zanikezwa inxalenye yomsebenzi nabasebenzi abangahlawulwayo sibe sona iSixeko sibabhatala abo nokontraka.	106.4 Xa kuthe kwanikezwa ngenxalenye yomsebenzi kwenye inkampani, umbonelelinkonzo weSixeko kufuneka ahlawule ii-invoyisi zenkampani ayinike inxalenye yomsebenzi. ISixeko sisebenzisa inkqubo engqongqo ekwenzeni iintlawulo yaye silindele ukuba oonokontraka bayo nabo balandele kwale nkqubo ekuqinisekiseni ukuba bahlawula abantu ababanike umsebenzi. Apho kufunyenwe izikhalazo ezivela kwabo bangahlawulwanga, iSixeko singathatha amanyathelo ahambelana nesolotya 106.2, ngoba oko kungachaphazela isidima seSixeko okanye sibonwe kakubi. Eli solotya aliniki xanduva kwiSixeko lokuqinisekisa ukuba unokontraka uhlawula ii-invoyisi zeenkampani athe waziqesha.
2	57.2.1 ukuthatha amanyathelo afanelekileyo ajoliswe kumagosa okanye abanye abadlalindima, kubandakanywa ukubhaliswa komntu kwiRejista yeSixeko yabo bathe aBayenza iMisebenzi ebebeyiNikiwe nabaye bangasetyenziswa iminyaka engekho ngaphezu kwemi 5 (emihlanu) kwanokumisela amanyathelo axelwe kuMmiselo	Ukunyusa isithuba sothintelo ukuze kuphuculwe ulawulo lokuxhatshazwa kweenkqubo zeSCM.	57.2.1 ukuthatha amanyathelo afanelekileyo ajoliswe kumagosa okanye abanye abadlalindima, kubandakanywa ukubhaliswa komntu kwiRejista yeSixeko yabo bathe aBayenza iMisebenzi ebebeyiNikiwe nabaye bangasetyenziswa iminyaka engekho ngaphezu kwemi 5 (emihlanu) kwanokumisela amanyathelo axelwe kuMmiselo 38(1)(d), (e), (f) no(g)

	38(1)(d), (e), (f) no(g) wemimiselo ebizwa *iSupply Chain Management Regulations*; kananjalo		wemimiselo ebizwa *iSupply Chain Management Regulations*; kananjalo
3	58.6 kubhalwe umntu kunye nawuphi na ummeli wakhe (ukuba ukhona) kwiRejista yeSixeko yabo bathe aBayenza iMisebenzi ebebeyiNikiwe njengalowo uthintelweyo ekubeni afumane imisebenzi yeSixeko isithuba esingekho ngaphezu kweminyaka emihlanu (5) exelwe kuludwe, eyiminyaka enyusa iminyaka yothintelo:	Ukunyusa isithuba sothintelo ukuze kuphuculwe ulawulo lokuxhatshazwa kweenkqubo zeSCM.	58.6 kubhalwe umntu kunye nawuphi na ummeli wakhe (ukuba ukhona) kwiRejista yeSixeko yabo bathe aBayenza iMisebenzi ebebeyiNikiwe njengalowo uthintelweyo ekubeni afumane imisebenzi yeSixeko isithuba esingekho ngaphezu kweminyaka elishumi (10) esixelwe kuludwe, eyiminyaka enyusa iminyaka yothintelo:
4	175. Ixesha lokusebenza kwebhidi lingongezwa ngeenyanga ezingekho ngaphezulu kwezintandathu ngokuxhomekeke kwiinkqubo zolawulo nasemva kokuba oko kuvunywe licandelo okanye ngumntu onelo gunya, ngaphandle kokuba olo longezo lweenyanga lubekho ngenxa yenkqubo yesibheno okanye umyalelo wenkundla.	Umyalelo wenkundla malunga nesithuba sokusebenza kwebhidi	176. Ixesha lokusebenza kwebhidi lingongezwa ngeenyanga ezingekho ngaphezulu kwezintandathu ngokuxhomekeke kwiinkqubo zolawulo nasemva kokuba oko kuvunywe licandelo okanye ngumntu onelo gunya, ngaphandle kokuba olo longezo lweenyanga lubekho ngenxa yenkqubo yesibheno okanye umyalelo wenkundla. Kule meko: 176.1 ISixeko kufuneka sibhalele abafakithenda abafake iithenda ezinazo izinto ezifunwayo, bacele ukuba kongezwe ixesha lokusebenza kwazo. ISixeko asinyanzelekanga ukuba sibhalele abafakizithenda abafake iibhidi ezingahambelananyo neemfuno zomsebenzi ekufuneka wenziwe ukucela imvume yabo. 176.2 Abafakithenda abafake iithenda ezinazo izinto ezifunwayo bangasamkela okanye basikhabe isithuba esongezelelweyo sexesha lokusebenza kwebhidi leyo. Abangavumelaniyo nexesha elongeziweyo okanye abathe basilela ukukwenza oko ngomhla obekwe siSixeko kwimbalelwano yaso, baya kuthathwa njengabangaphendulanga, yaye akusayi kuqhutyekwa

			nokujongwa kunye nokuhlolwa kweebhidi zabo . Inkqubo yokukhangela umntu okanye inkampani eza kusetyenziswa iya kuqhubeka kuphela nabo bathe baphendula ngokwesicelo.
5	155. Isimemo sokufaka ibhidi siya kupapashwa kumajelo eendaba namaphephandaba nakumaqonga aelektroniki (afana newebhusayithi yeCIDB, newebhusayith yeSixeko. nePothali yeeThenda e-elektroniki kaNondyebo weSizwe) echaphazelekayo okanye efanelekileyo.	Ukuqinisekisa ukuba abo bafakizicelo abathe bafumana amaxwebhu okufaka iibhidi bakwenza oko besebenzisa amaqonga asemthethweni kananjalo babe bafumana izaziso ezifanelekileyo ezikhutshwe siSixeko.	156. Abafakizithenda kufuneka baqinisekise ukuba babhala idilesi yeimeyili abayisebenzisayo xa bebhalela iSixeko xa beyokulanda okanye befumana uxwebhu lokufaka ibhidi yabo yaye ibe lo imeyili iya kuhlala iyi-imeyili esemthethweni kwisithuba esihlangene naloo thenda. Oku kuyimfuneko ukuze iSixeko sikwazi ukuthumela izaziso kwisithuba sokuthunyelwa kwemiyalezo edibene naloo thenda.
6	200. Naluphi na unxibelewano olugunyaziswe yiKomiti eYenza iZicelo zeeThenda, enefuthe eliya kuchaphazela bonke abafakizithenda, luya kwenziwa ngembalelwano ebhalelwa bonke abafakizicelo nguMlawuli : weCandelo loLawulo lweZinto eziDingwa liZiko, okanye lowo utyunjwe nguye, ekwenza oko ngeimeyili okanye ngeposi erejistarishiweyo ngokwemfuneko yelo xesha. Ikopi yesaziso kunye nengxelo eqinisekisa ukuhamba kwaso /ubungqina bokuposa, iya kugcinwa ukulungiselela iirekhodi. Ubuncinane, izaziso kufuneka zikhutshwe kwiveki enye phambi kokuvala kwethenda apho oko kunokukwazeka ukwenzeka.	Isigwebo sesibheno ku151S	201. Naluphi na unxibelewano olugunyaziswe yiKomiti eYenza iZicelo zeeThenda, enefuthe eliya kuchaphazela bonke abafakizithenda, luya kwenziwa ngembalelwano ebhalelwa bonke abafakizicelo nguMlawuli : weCandelo loLawulo lweZinto eziDingwa liZiko, okanye lowo utyunjwe nguye kwiSCM weKomiti eYenza iZicelo zeeThenda. Kulo mba: 201.1 Unxibelelwano luya kuthunyelwa ngeimeyili. Ikopi yesaziso kunye nengxelo eqinisekisa ukuhamba kwaso /ubungqina bokuposa, kufuneka zigcinwe ukulungiselela iirekhodi. 201.2 iSixeko kudingeka ukuba sihambise isaziso kuphela ngexesha lokwazisa ngethenda kubafakizithenda abafumene amaxwebhu okufaka ibhidi kumaqonga asemthethweni aelektroniki axelwe kwisolotya 155, kwiOfisi yeeThenda yeSixeko, kwiphothali esemthethweni yeethenda iSixeko okanye

			kwabo bebezimase iseshoni yokuchaza malunga nethenda, ukuba ngaba ibikhona, malunga nokufumana loo thenda. Umfakithenda kufuneka abe ebenikeze ngedilesi yeimeyili kwenye yala maqonga okanye kwiseshoni yokuchaza malunga nethenda. Akunyanzelekanga ukuba umfakithenda afumane nasiphi na isaziso xa ethe wasilela ukuthobela eli solotyana, yaye iSixeko asimtyali nto umfakithenda. 201.3 Izaziso kufuneka zikhutshwe ubuncinane kwiveki enye phambi komhla wokufaka kwethenda, apho oko kunokukwazi ukwenzeka.
7	238. IKomiti ePhonononga iZicelo zeeThenda ingathi, ukuba oko kuyimfuneko, igunyazise unxibelelwano nabafakithenda phambi kokunikezwa kwethenda. Naluphi unxibelelwano olungunyaziswe yiKomiti ePhonononga iZicelo zeeThenda luya kuza ngokwesicelo esibhaliweyo sengcaciso ngawo nawuphi na umba ochaphazela uphononongo lwethenda leyo okanye into enokwenza ukuba abafakizicelo badideke kwikhontrakthi eza kuthi ilandele, olungatshintshi okanye olungachaphazeli ukukhuphisana kwabo okanye ingxam yeenkcukacha abazifakileyo, oluya kuthunyelwa kubafakizicelo abachaphazelekayo nguMlawuli : weCandelo loLawulo lweZinto eziDingwa liZiko ngembalelwano esebenzisa nayiphi intlobo yokuthumela efanelekileyo. Ikopi yesaziso kunye nengxelo eqinisekisa ukuhamba kwaso /ubungqina bokuposa, iya kugcinwa ukulungiselela iirekhodi.	Kukhutshwa unxibelwano ngumsebenzo waseSCM olunika ingcaciso	239. IKomiti ePhonononga iZicelo zeeThenda ingathi, ukuba oko kuyimfuneko, igunyazise unxibelelwano nabafakithenda phambi kokunikezwa kwethenda. 239.1 Naluphi unxibelelwano olungunyaziswe yiKomiti ePhonononga iZicelo zeeThenda luya kuza ngokwesicelo esibhaliweyo sengcaciso ngawo nawuphi na umba ochaphazela uphononongo lwethenda leyo okanye into enokwenza ukuba abafakizicelo badideke kwikhontrakthi eza kuthi ilandele, olungatshintshi okanye olungachaphazeli ukukhuphisana kwabo okanye ingxam yeenkcukacha abazifakileyo, oluya kuthunyelwa kubafakizicelo abachaphazelekayo nguMlawuli : weCandelo loLawulo lweZinto eziDingwa liZiko, okanye lowo utyunjwe nguye kwiSCM, ngembalelwano esebenzisa nayiphi intlobo yokuthumela efanelekileyo.

8	264. Ukuba iye yayekiswa ikhontrathi ngexesha lokusebenza kwayo, iKomiti eThatha iZigqibo ngeeThenda ingathi iqwalasele naziphi izindululo ezenziwe yiKomiti ePhonononga iZicelo zeeThenda kwingxelo yayo elandela ukunikezwa kwekhontrakthi, okanye ukunganikezwa kwayo, komnye umboneleli oneenkcukacha ezidingwayo ukuze anikwe ithenda.	Ingcaciso ngoba ibhidi iyasebenza na	265. Ukuba iye yayekiswa ikhontrathi ngexesha lokusebenza kwayo, iKomiti eThatha iZigqibo ngeeThenda ingathi iqwalasele naziphi izindululo ezenziwe yiKomiti ePhonononga iZicelo zeeThenda kwingxelo yayo elandela ukunikezwa kwekhontrakthi, okanye ukunganikezwa kwayo, komnye umboneleli oneenkcukacha ezidingwayo ukuze anikwe ithenda).
9	431. Elona nqaku lisezantsi lethenda enokwamkelwa malenziwe kwithenda nganye. Ipesenti yelona nqaku lincinci elinokwamkelwa ukuze yamkeleke ithenda leyo ngu60% wamanqaku ewonke. Xa ithenda leyo iyeyomsebenzi okhethekileyo okanye onzima, elona nqaku lisezantsi lingathi ngokokobona kweKomiti eYenza iZicelo zeeThenda, linyuswe liye kwi70% yamanqaku ewonke. Kuya kufuneka kunikwe izizathu xa kuthe kwabekwa elona nqaku lisezantsi eliya kuthi libe ngaphezu kwe70% yaye oko kufuneka kube kuvunywe nguMlawuli : weCandelo loLawulo lweZinto eziDingwa liZiko phambi kokusetyenziswa kwalo yaye akufuneki ibe linqaku elivalela abanye ngaphandle ngendlela apha engavakaliyo.	Makubuyiselwe imiba kwiBAC noyekiso oluthe lwalandela	432. Elona nqaku lisezantsi lethenda enokwamkelwa malenziwe kwithenda nganye. Ipesenti yelona nqaku lincinci elinokwamkelwa ukuze yamkeleke ithenda leyo ngu60% wamanqaku ewonke. Xa ithenda leyo iyeyomsebenzi okhethekileyo okanye onzima, elona nqaku lisezantsi lingathi ngokokobona kweKomiti eYenza iZicelo zeeThenda, linyuswe liye kwi70% yamanqaku ewonke. Kuya kufuneka kunikwe izizathu xa kuthe kwabekwa elona nqaku lisezantsi eliya kuthi libe ngaphezu kwe70% yaye oko kufuneka kube kuvunywe nguMlawuli : weCandelo loLawulo lweZinto eziDingwa liZiko phambi kokusetyenziswa kwalo yaye akufuneki ibe linqaku elivalela abanye ngaphandle ngendlela apha engavakaliyo.
10	178. Kuzo zonke izithuba zeekhontrakthi ezingaphezu kweenyanga ezilishumi elinambini (12), kuya kumanwe kulungelelaniswa ixabiso lekhontrakthi. Ifomula yexabiso elifanelekileyo lekhontrakthi mayixelwe kumaxwebhu ethenda. Lowo ugunyazisiweyo angathi aqwalasele ulungelelwaniso lwefomula yexabiso lekhontrakthi	Eli solotya libonakala lingaphelelanga ngoba linekhoma ekupheleni kwesolotya. Uluntu luye lwavakalisa ukuba alucacelwanga iCPA ivumeleke kuphela kwinyanga ye13.	179. Kuzo zonke izithuba zeekhontrakthi ezingaphezu kweenyanga ezilishumi elinambini (12), kuya kumanwe kulungelelaniswa ixabiso lekhontrakthi. Ifomula yexabiso elifanelekileyo lekhontrakthi mayixelwe kumaxwebhu ethenda. Lowo ugunyazisiweyo angathi aqwalasele ulungelelwaniso lwefomula yexabiso lekhontrakthi kwiimeko ezithile kwiinyanga zokuqala

	kwiimeko ezithile kwiinyanga zokuqala ezilishumi elinambini (12) zekhontrakthi, kwiimeko ezikhethekileyo nezinezizathu ezivakalayo,		ezilishumi elinambini (12) zekhontrakthi, kwiimeko ezikhethekileyo nezinezizathu ezivakalayo.
11	Isolotya elitsha	Ukugcina isidima seziko nokukhusela abasebenzi	106.3 ISixeko sinelungelo lokungambhalisi umbonelelinkonzo okanye lokunganikezi ithenda, lokurhoxisa ithenda esele inikezelwe okanye lokucima ikhontrakthi apho umfakithenda othe wathatha inxaxheba ekufakweni kweethenda, okanye nabani na owenze oko ngokomyalelo womfakithenda, ethe wagrogrisa okanye wenzakalisa igosa leSixeko okanye umntu olawula unikezo lwezicelo nangayiphi na indlela echaphazela ukuba unikezo lwethenda lube lolungenamkhethe, lube lolwenziwe elubala, oluvumela ukhuphiswano okanye xa ethe warhuqa isidima senkqubo yokunikezwa kwaloo thenda.
12	297. Zonke iiodolo, ngaphandle kwezezinto ezixelwe kwisolotya 296, kufuneka zenziwe zigqitywe phambi kokuphela kwesithuba sesivumelwano sesikhokelo, ngaphandle kokuba kufunyenwe imvume kuMlawuli: weCandelo loLawulo lweZinto eziDingwa liZiko, apho kunikwa izizathu ezibambekayo	Makubandakanywe iinkonzo zomthetho	298. Zonke iiodolo, ngaphandle kwezezinto ezixelwe kwisolotya 297 nokufunyanwa kweenkonzo zomthetho, kufuneka zenziwe zigqitywe phambi kokuphela kwesithuba sesivumelwano sesikhokelo, ngaphandle kokuba kufunyenwe imvume kuMlawuli : weCandelo loLawulo lweZinto eziDingwa liZiko, apho kunikwa izizathu ezibambekayo
13	106.2.2 ukuzibandakanya nabantu abaziwayo ukuba bayahlupha neentsapho zabantu abahluphayo;	Ukugcina isidima seziko	106.2.2 ukuzibandakanya nabantu abaziwayo ukuba bayahlupha neentsapho zabantu abahluphayo, kubandakanywa naye nawuphi na umntu othe watyholwa ngolwaphulomthetho;
14	Ukusetyenziswa kweeKhontrakthi eziSebenza ngokuFanayo	Injongo yeli solotya kukukhokela ukwamkelwa kwamanye amaziko karhulumente afuna imvume	Ukusetyenziswa kweeKhontrakthi eziSebenza ngokuFanayo

	298. Xa kufakwe isicelo, uMphathi weSixeko angathi amkele ukusetyenziswa kweekhontrakthi/ izikhokelo zezivumelwano ezikhoyo ezisebenza ngokufanayo, ezicelwe ngamanye amaziko karhulumente kulandelwa iinkqubo zeSixeko.	yokusebenzisa iikhontrakthi ezifunyenwe siSixeko kulandelwa uMmiselo 32 weMimiselo yeCandelo loLawulo lweZinto eziDingwa liZiko.	299. Xa kufakwe isicelo, uMphathi weSixeko angathi amkele ukusetyenziswa kweekhontrakthi/ izikhokelo zezivumelwano ezikhoyo ezisebenza ngokufanayo, ezicelwe ngamanye amaziko karhulumente kulandelwa iinkqubo zeSixeko.
15	178. Kuzo zonke izithuba zeekhontrakthi eziya kusebenza ixesha elingaphezu kweenyanga ezilishumi elinambini (12), kuya kuvumeleka ukuba amaxabiso emana ehlengahlengiswa. Kufuneka ichazwe ngokucacileyo pha kumaxwebhu ethenda indlela efanelekileyo ekubalwa ngayo uhlengahlengiso lwamaxabiso eekhontrakthi. Igosa elinikezwe amagunya lingathi lihlengahlengise ixabiso lekhontrathi kwiimeko ezithile kwiinyanga zokuqala ezilishumi elinambini (12), zesithuba sekhontrakthi, kwiimeko ezizodwa nalapho kuthe kwanikwa izizathu zoko,	Ukuchaza ngokucacileyo ukuba uManejala weSixeko nguye onikeza amagunya, yaye loo magunya angaphinde adluliselwe komnye umntu ngemvume nangokokubona koManejala weSixeko.	179. Kuzo zonke izithuba zeekhontrakthi eziya kusebenza ixesha elingaphezu kweenyanga ezilishumi elinambini (12), kuya kuvumeleka ukuba amaxabiso emana ehlengahlengiswa. Kufuneka ichazwe ngokucacileyo pha kumaxwebhu ethenda indlela efanelekileyo ekubalwa ngayo uhlengahlengiso lwamaxabiso eekhontrakthi. UManejala weSixeko, lowo ugunyaziswe nguye, okanye umntu ogunyaziswe ngulo ugunyaziswe nguye okanye apho kufanelekileyo angathi ahlengahlengise ixabiso lekhontrathi kwiimeko ezithile kwiinyanga zokuqala ezilishumi elinambini (12), zesithuba sekhontrakthi, kwiimeko ezizodwa nalapho kuthe kwanikwa izizathu zoko.
16	179. Ukuba ngenxa yokunikezwa komsebenzi wekhontrakthi odlulela ngaphaya kwexesha ebelibekiwe kwithenda, ube umsebenzi lowo wekhontrakthi uya kugqitywa kwisithuba esingaphezu kweenyanga ezilishumi elinambini (12) ukusukela kwixesha lokuphelelwa kwethenda ebelibekiwe kuqala, kungadingeka ukuba kuloo khontrakthi kwenziwe uhlengahlengiso lwexabiso lekhontrakthi lweso sithuba esingaphezu kweenyanga ezilishumi elinambini (12). Inkqubo yohlengahlengiso lwexabiso lekhontrakthi iya kugqitywa ligosa		180. Ukuba ngenxa yokunikezwa komsebenzi wekhontrakthi odlulela ngaphaya kwexesha ebelibekiwe kwithenda, ube umsebenzi lowo wekhontrakthi uya kugqitywa kwisithuba esingaphezu kweenyanga ezilishumi elinambini (12) ukusukela kwixesha lokuphelelwa kwethenda ebelibekiwe kuqala, kungadingeka ukuba kuloo khontrakthi kwenziwe uhlengahlengiso lwexabiso lekhontrakthi lweso sithuba esingaphezu kweenyanga ezilishumi elinambini (12). Inkqubo yohlengahlengiso lwexabiso lekhontrakthi iya kugqitywa nguManejala weSixeko, lowo

	elinikezwe amagunya okwenza oko ukuba oko bekungabandakanywanga kumaxwebhu okukhutshwa kwethenda. Lo mqathango uya kusebenza kulo naluphi na olunye ulongezelelo lwekhontrakthi lwexesha lesivumelwano ebelinikiwe kwiithenda yaye uya kubandakanya sonke isithuba sekhontrakthi esidlule kwixesha lekhontrakthi ebelibekiwe.		ugunyaziswe nguye, okanye umntu ogunyaziswe ngulo ugunyaziswe nguye okanye apho kufanelekileyo ukuba oko bekungabandakanywanga kumaxwebhu okukhutshwa kwethenda. Lo mqathango uya kusebenza kulo naluphi na olunye ulongezelelo lwekhontrakthi lwexesha lesivumelwano ebelinikiwe kwiithenda yaye uya kubandakanya sonke isithuba sekhontrakthi esidlule kwixesha lekhontrakthi ebelibekiwe.
17	180. Ukuba ngenxa yokunikezwa komsebenzi wekhontrakthi odlulela ngaphaya kwexesha ebelibekiwe kwithenda, ube umsebenzi lowo wekhontrakthi uya kugqitywa kwisithuba esingaphezu kweenyanga ezilishumi elinambini (12) ukusukela kwixesha lokuphelelwa kwethenda ebelibekiwe kuqala, kungadingeka ukuba kuloo khontrakthi kwenziwe uhlengahlengiso lwexabiso lekhontrakthi lweso sithuba esingaphezu kweenyanga ezilishumi elinambini (12). Inkqubo yohlengahlengiso lwexabiso lekhontrakthi iya kugqitywa ligosa elinikezwe amagunya okwenza oko ukuba oko bekungabandakanywanga kumaxwebhu okukhutshwa kwethenda.		181. Ukuba ngenxa yokunikezwa komsebenzi wekhontrakthi odlulela ngaphaya kwexesha ebelibekiwe kwithenda, ube umsebenzi lowo wekhontrakthi uya kugqitywa kwisithuba esingaphezu kweenyanga ezilishumi elinambini (12) ukusukela kwixesha lokuphelelwa kwethenda ebelibekiwe kuqala, kungadingeka ukuba kuloo khontrakthi kwenziwe uhlengahlengiso lwexabiso lekhontrakthi lweso sithuba esingaphezu kweenyanga ezilishumi elinambini (12). Inkqubo yohlengahlengiso lwexabiso lekhontrakthi iya kugqitywa nguManejala weSixeko, lowo ugunyaziswe nguye, okanye umntu ogunyaziswe ngulo ugunyaziswe nguye okanye apho kufanelekileyo ukuba oko bekungabandakanywanga kumaxwebhu okukhutshwa kwethenda.
18	307. Ukuba akukwazeki ukufumana ubuncinane iikowuti ezintathu ezibhaliweyo, izizathu kufuneka zirekhodwe yaye zamkelwe nguManejala: wokuThengwa kweZinto zeZiko, ekufuneka athi kwiintsuku ezintathu zokuphela kwenyanga, anikeze ingxelo kwiGosa loLawulo		308. Ukuba akukwazeki ukufumana ubuncinane iikowuti ezintathu ezibhaliweyo, izizathu kufuneka zirekhodwe yaye zamkelwe nguManejala: wokuThengwa kweZinto zeZiko, ekufuneka athi kwiintsuku ezintathu zokuphela kwenyanga, anikeze ingxelo kwiGosa loLawulo lweZimali ngazo naziphi

	lweZimali ngazo naziphi iimvume ezithe zanikezwa kuloo nyanga ezimalunga noku.		iimvume ezithe zanikezwa kuloo nyanga ezimalunga noku.
19	Iziqinisekiso zokuGqitywa koMsebenzi ngeXesha 383. Iigaranti zokusebenza xa umntu enikwe umsebenzi wokuthenga izinto okanye wokubonelela ngeenkonzo (kubandakanywa iinkonzo zeengcali) azidli ngakufunwa, kodwa kwiimeko ezikhethekileyo, zingathi zifunwe. Apho oko kuyimfuneko, ixabiso laloo garanti liya kugqitywa ngokubonisana nomntu ogunyazisiweyo.		Iziqinisekiso zokuGqitywa koMsebenzi ngeXesha 384. Iigaranti zokusebenza xa umntu enikwe umsebenzi wokuthenga izinto okanye wokubonelela ngeenkonzo (kubandakanywa iinkonzo zeengcali) azidli ngakufunwa, kodwa kwiimeko ezikhethekileyo, zingathi zifunwe. Apho oko kuyimfuneko, ixabiso laloo garanti liya kugqitywa ngokubonisana noManejala weSixeko, lowo ugunyaziswe nguye, okanye umntu ogunyaziswe ngulo ugunyaziswe nguye okanye apho kufanelekileyo.
20	385. Ixabiso legaranti yokusebenza elifunwayo lingangafani ngokuxhomekeke kwimvume yegosa elinikezwe amagunya.		386. Ixabiso legaranti ykusebenza elifunwayo lingangafani ngokuxhomekeke kwimvume yoManejala weSixeko, ugunyaziwe wakhe, okanye umntu ogunyaziswe ngulo ugunyazisiweyo.
21	386. Ixabiso, elilingana negaranti yokusebenza efunwayo, lingabonelelwa ngemali eyikheshi (engenanzala) ngokweenkqubo ezibekwe ligosa elinikezwe amagunya, amaxesha ngamaxesha.		387. Ixabiso legaranti ykusebenza elifunwayo lingangafani ngokuxhomekeke kwimvume yoManejala weSixeko, lowo ugunyaziswe nguye, okanye umntu ogunyaziswe ngulo ugunyaziswe nguye okanye apho kufanelekileyo.

22	Intlawulo yeSiqinisekiso soKwenziwa koMsebenzi 387. Intlawulo yaphambi kokwenziwa komsebenzi weemathiriyeli okanye iinkonzo ezithile, apho oko kuyimfuneko ngokwemigaqo ebekwe ligosa elinikezwe amagunya amaxesha ngamaxesha, mayinikezwe umbonelelinkonzo emva kokuba engenise igaranti yentlawulo yesiqinisekiso sokwenziwa komsebenzi eyamkelekileyo kwiSixeko. Ayinakwamkelwa loo garanti yentlawulo yesiqinisekiso sokwenziwa komsebenzi ngaphandle kokuba iye yaqinisekiswa liSebe likaNondyebo weSixeko ukuba inyanisekile na.		Intlawulo yeSiqinisekiso soKwenziwa koMsebenzi 388. Intlawulo yaphambi kokwenziwa komsebenzi weemathiriyeli okanye iinkonzo ezithile, apho oko kuyimfuneko ngokwemigaqo ebekwe nguManejala weSixeko, lowo ugunyaziswe nguye, okanye umntu ogunyaziswe ngulo ugunyaziswe nguye okanye apho kufanelekileyo amaxesha ngamaxesha, mayinikezwe umbonelelinkonzo emva kokuba engenise igaranti yentlawulo yesiqinisekiso sokwenziwa komsebenzi eyamkelekileyo kwiSixeko. Ayinakwamkelwa loo garanti yentlawulo yesiqinisekiso sokwenziwa komsebenzi ngaphandle kokuba iye yaqinisekiswa liSebe likaNondyebo weSixeko ukuba inyanisekile na.
23	Ukubanjwa kwenxenye yentlawulo 389. Ukubanjwa kwenxenye yentlawulo yezinto ezithengiweyo okanye yokubonelela izinto neenkonzo (kubandakanywa iinkonzo zeengcali) asinto efana yenziwe, kodwa xa oko kuyimfuneko, kungathi kwenziwe. Xa kuyimfuneko, ixabiso lenxenye yentlawulo ebanjiweyo eza kutsalwa liya kugqitywa emva kokubonisana nomntu ogunyazisiweyo.		Ukubanjwa kwenxenye yentlawulo 390. Ukubanjwa kwenxenye yentlawulo yezinto ezithengiweyo okanye yokubonelela izinto neenkonzo (kubandakanywa iinkonzo zeengcali) asinto efana yenziwe, kodwa xa oko kuyimfuneko, kungathi kwenziwe. Xa kuyimfuneko, ixabiso lenxenye yentlawulo ebanjiweyo eza kutsalwa liya kugqitywa emva kokubonisana noManejala weSixeko, lowo ugunyaziswe nguye, okanye umntu ogunyaziswe ngulo ugunyaziswe nguye okanye apho kufanelekileyo.
24	391. Ixabiso lenxenye yentlawulo ebanjiweyo eza kutsalwa kumsebenzi wolwakhiwo isengokungafani ngoba iya kuhamba ngokwemvume yegosa elinikezwe amagunya.		392. Ixabiso lenxenye yentlawulo ebanjiweyo eza kutsalwa kumsebenzi wolwakhiwo isengokungafani ngoba iya kuhamba ngokwemvume yoManejala weSixeko, lowo ugunyaziswe nguye, okanye umntu

			ogunyaziswe ngulo ugunyaziswe nguye okanye apho kufanelekileyo.
25	393. Iziqinisekiso zokuhlawulwa kweemali ezinento yokwenza nenxenye yentlawulo ebanjiweyo azivumelekanga ncam. Nasiphi isizathu esinikezwayo sokwamkela isiqinisekiso senxenye yentlawulo ebanjiweyo kufuneka sibe samkelwe ligosa elinikezwe amagunya.		394. Ixabiso lenxenye yentlawulo ebanjiweyo eza kutsalwa kumsebenzi wolwakhiwo isengokungafani ngoba iya kuhamba ngokwemvume. Nasiphi isizathu esinikezwayo sokwamkela isiqinisekiso senxenye yentlawulo ebanjiweyo kufuneka sibe samkelwe nguManejala weSixeko, lowo ugunyaziswe nguye, okanye umntu ogunyaziswe ngulo ugunyaziswe nguye okanye apho kufanelekileyo.
26	Ulawulo lweKhontrakthi 402.7 makulawulwe ukwahluka kwiikhontrakthi okanye kwiinkqubo zokwenza izilungiso kulandelwa imiqathango yamvanje njengoko ikhutshwe nguManejala weSixeko yaze yamkelwa ngugunyaziwe ochaphazelekayo;		Ulawulo lweKhontrakthi 403.7 makulawulwe ukwahluka kwiikhontrakthi okanye kwiinkqubo zokwenza izilungiso kulandelwa imiqathango yamvanje njengoko ikhutshwe nguManejala weSixeko yaze yavunywa ngogunyazisiwe weSixeko ochaphazelekayo, okanye umntu ogunyaziswe ngulo ugunyazisiweyo apho kufanelekileyo;
27	Ukuqwalaselwa noKwamkelwa kweeKowuti 318. Zonke iioda zeekowuti zamaxabiso ezibhaliweyo ziya kwamkelwa yaye zikhutshwe nguManejala weSixeko okanye ngumntu ogunyaziswe nguye.		Ukuqwalaselwa noKwamkelwa kweeKowuti 319. Zonke iioda zeekowuti zamaxabiso ezibhaliweyo ziya kwamkelwa yaye zikhutshwe nguManejala weSixeko, lowo ugunyaziswe nguye, okanye umntu ogunyaziswe ngulo ugunyaziswe nguye okanye apho kufanelekileyo.

28	117. Imiqathango yeethenda kufuneka yamkelwe nguManejala weSixeko okanye ngumntu ogunyaziswe nguye phambi kokuba ipapashwe kusenziwa isimemo ukuba abantu bafake izicelo.		117. Imiqathango yeethenda kufuneka yamkelwe nguManejala weSixeko, lowo ugunyaziswe nguye, okanye umntu ogunyaziswe ngulo ugunyaziswe nguye okanye apho kufanelekileyo phambi kokuba ipapashwe kusenziwa isimemo ukuba abantu bafake izicelo.
29	122. UManejala weSixeko, okanye ugunyaziwe wakhe, uya kuthi, ethathela ingqalelo icandelo 117 leMFMA, atyumbe amalungu eKomiti yoKwenza iMiqathango yeeThenda.		122. UManejala weSixeko, lowo ugunyaziswe nguye, okanye umntu ogunyaziswe ngulo ugunyaziswe nguye okanye apho kufanelekileyo, uya kuthi, ethathela ingqalelo icandelo 117 leMFMA, atyumbe amalungu eKomiti yoKwenza iMiqathango yeeThenda.
30	233. UManejala weSixeko, okanye ugunyaziwe wakhe, uya kuthi, ethathela ingqalelo icandelo 117 leMFMA, atyumbe amalungu eeKomiti eziPhonononga iZicelo zeeThenda.		234. UManejala weSixeko, lowo ugunyaziswe nguye, okanye umntu ogunyaziswe ngulo ugunyaziswe nguye okanye apho kufanelekileyo, uya kuthi, ethathela ingqalelo icandelo 117 leMFMA, atyumbe amalunga eeKomiti eziPhonononga iZicelo zeeThenda.
31	262. IKomiti ePhonononga iZicelo zeeThenda inganikeza ithenda kum(ba)fakithenda okhethiweyo emva kokuba uManejala weSixeko, okanye ummeli ogunyaziswe nguye, ethe wabonisana naloo m(ba)fakithenda ukhethiweyo/abakhethiweyo ngokwemiqathango yesolotya 278 lalo Mgaqonkqubo.		263. IKomiti ePhonononga iZicelo zeeThenda inganikeza ithenda kum(ba)fakithenda okhethiweyo emva kokuba uManejala weSixeko lowo ugunyaziswe nguye, okanye umntu ogunyaziswe ngulo ugunyaziswe nguye okanye apho kufanelekileyo, ethe wabonisana naloo m(ba)fakithenda ukhethiweyo/abakhethiweyo ngokwemiqathango yesolotya 279 lalo Mgaqonkqubo.